IMVO ZABANTSUNDU.

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE. (NATIVE OPINIO) LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, JULY 29,1885. [No 39.

Amayeza ka Cook Abantsundi

Umzi ontsundu ucelelwa ukuba ukange lise lamayeza abalulekileyo.

Elika

COOK lyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

Elika

COOK lyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe 9d. ibotile.

Elika

COOK lyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika

COOK Ipils- 1/ ngebokisana.

Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile."

Abawafunayo lamayeza mabaye kwivenki ezimelene nabo bawayaleze, Enziwe kupela ngu

Chemist and Druggist,

Downing Street, e-Qonce.

W. F. S. BOOTY.

Umteteleli kwi Nkundla yamatyala e Komani. Umlungisi wemicimbi nayipin esingieele ematyaleni nakuyipina inkundl apa kulo mandla. Unguinkuseli kwabana matyala, waye kananjalo ebiza amanan afanelekileyo. I Ofisi ise Town Hall e-Kc mani.

R. W. ROSE-INNES,

Umteteleli-Ematyaleni, Umqinisi

WEMVUMELANO,

Umanani Weziqiniselo

LONKE UNYAMEKO uyainni'kele ekute.

teniamatyala abamnyama nakweminye imioimbi yabamnyama—ofuna umhlaba uno. kufnnelwa, ofuna kujikwe igama lesiqini. selo somhlaba unokwenzelwa. Lemise[1] benzi uyifeza kwesi siqingata nakwezimelent naso.

I BRANDI

Elungileyo engapitikezwe nanto zinjengu manzi nezinya ezibululayo, itengwa ko C. J. DOWELL & CO., BANK STREET,

E-QONCE

W. 0. CARTER & CO.,

Ncedani ngokupaula kakuhle ukuba uhlobo olutsha

OLULUNGILEYO APA LWE SEPA.

lubuye Iwafika

Isitena yi 6d.

Yeyona Sepa intle kulomzi.

;----------

Itshipu, isitena Esikulu sidla 6d. kupela.

Inokufunyanwa kwa "KARTAR" apa.

W. 0. CARTER &Co..

Maclean Square,

Amaqanda Esikwenene!

Impahla Yamadoda Namakwenkwana Emaxa-biso Ahlisiweyo Kanye!

C. FENNET J. & CO.

Base nazo ingubo Zamadoda abanga zingatengwa zikwelele kupele. Ukuze oku kufezeke batengisa

Into eninzi yebatyi zekodi ezilingana amadoda, amadodana namakwenkwe.

Zihleli zodwa ngobutshipu.

Kukwako Nezezitofu, nempahla Yamadoda enjenge Hempe, njalo, njalo.

Ofuna ingubo ezisisulu makangaqale atenge napina engayanga Icubona o

C. FENNELL & CO., e Maclean Street, e Qonce.

AKUTENGISWA NGASIKWELITI.

AMALAHLE ASE NDWE.

A BANINI balamahle bagqibe nabapati bololiwe ukuha baniane ukiilayishela kwa Komani (Queenstown),

300 TONS ZAMALAHLE

Ngenyanga: ezingangemitwalo e 80.

Abafuna ifulara abasakuzidinga kwisituba semingxuma yamalahle ne Queenstown. Akusakubako kubambezeleka ekulayisheni amalahle nasekuwatuleni e Komani.
Indlela yenqwelo intle yonke isagudiswa ngokunye.
Inani yi nayipeni (9d.) ngekulu.

Kufunwa into eninzi ye Botile kwa W. BEHR & CO., kwisitrata se Cambridge Road, e Nyutawuni.

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcancatweni.

Umboniso wase South Africa

UMBONISO omkulu wento ezilinywa nezinokwenziwa ngabantu beli lizwe, uyakwe nziwa e Bayi ngo December ozayo. . .

Kuyanqweneleka ukuba nabantsundu beli lizwe batumele kuwo iziquma zento abazilimayo ziye koboniswa, nento ngento abazenza ngezandla, ezinjengento zokulima, izitya ezenziwe ngabo, inqubo, iminxeba, ingobozi.

Imbasa zesilivere nobedu ziyakunikelwa kuye wonke ontsundu odlulisele abanye.

Umlileli we *Mvo Zabantsundu* unikwe igunya lokuba abacacisele ngapezulu bonke abanomnqweno wokuya kubonisa imisebenzi yabo.

Ngomyalelo we komiti,
FEED LEVICK,
Unobala.

I-Ofisi, 5, Lombard Street, Port Elizabeth.

Intlaulelo Yezaziso. Isaziso I Bonisani!

Isaziso esigeniswe kwimihlati (single column) engaminye 2 6, kwemibini ibandakanyiwe 5/ nge inch enye, ngamangeniso okuqala ngalandelayo 1/3 kumhlati omnye, 2/6 kwebandakanyiweyo nge inch ixesha ngalinye.

Izaziso ezingeniselwa izituba zenyanga ngantatu neminyaka zenawazo amaxabiso.

BONISANI.

KULAHLEKE apa e-Mqukwane ngo 22 ku May odluleyo:—

INKABI emtuqwa, inequma elubilweni ; cipu kweyokuneni indlebe ngemva.

INKABI emnyama; etiwe gqwizi ngasemva, kwe yokuneni indlebe.

INKABI emnyama; itiwe nqum pezuluindlebe kweyokunene, yatiwa riwu kweyase kohlo ngemva ; inexarele enqineni ayijiyile kodwa, inesilonda entsalwaneni. Ote wandilandisa wovuzwa kanobom.

SOYENI MKIVA.

St. Matthew's, Keiskama Hoek, 20th June, 1885.

KANIPE UMKONDO.

BONISANI Umfana okwiminyaka eyi 29 ubudala bake.

Untsundwana, akanamzimba mkulu ndahlukana naye e Bayi (Port [Elizabeth) ngomnyaka we 1879 esebenza kwindlu ye Gas. Ke esisicelo sam ndisisingisela kwabakona kakulu, igama lake ngu Jim, Mbeki. Aka- yise Abraham Gobongwana Kinass. Ndicela amehlo kumanene, nama nenekazi endawo ngendawo.

Umntu onokundilandisa angatumela ku Mhleli we Mvo *Zabantsundu.*

MARCUS KINASS. Mount Ayliff, 25 April, 1885.

Kanipe Umkondo.

NDIFUNA umnakwetu uknmva apo akona, Igama lake ngu JACOB MNKONYENI, elesi xosa, ngu MDANDALAZA ebefuda ese ZITAPILE ema BELENI ngase ALVANJ (Aliwal North), ndicela ke ktunanene nama nenekazi elocala, andilandi se, kuni nonke mpi yase Gqili.

Ndim,
SANAH MATSHAYA,
Intombi ka Mnkonyeni.

Qugqwala, 29th June, 1885.

Kulahleke or Kubiwe.

"XTGO 3 July, 1885, kwilali ka MADUNA, Lx Ezolo, lamahashe INKABI EMFUSA, endala, etshiswe MA kwinyonga yase kunene, ipaulwe kwindlebe yase kohlo, ine. mpawu zesilonda esidala emhlana, nebalana elimhlope kwinqina lase kunene lase- mva, isingci side kwa nomsila, linentsimbi kwawaugapambili, nempawu emilenzeni.

IMAZI EMTUQWA eminyaka mihlanu, inenkonyana, itwe cwi kwindlebe yase kohlo, inamabalana amhlope kumlenze wasekunene, umvuzo weponti koya kuwafumana. Onokuwuxela umkondo makabalele ku MR. WIGLEY. Nomaheya, e Ngqamakwe.

ISAZISO.

[INCWADI E COLWE ENDLELENL]

Tyinira, May 1st, 1885.

Sitandwa John—

Undicela ukuba ndiku tumela indaba. Andinazo, ngako mandiku xelele ukuba ngoku sinenye i venkile apa. Inyanga zintatu ivuliwe. Ingubo zitshipu ine- ntwana-ntwana ezisandu' ukufika. Uzeke ufike uze ku nditengela enye. Umnini weve- nkile unika amanani alungileyo ngezikumba noboya nempondo zenkomo.

Ivenkile ingakwa Msesani endleleni yenqwelo epuma emcancatweni ising' e-Tsomo. Ukuba kuko into esiyifunayo ingeko evenkileni akukataleki nokuba yintonina umnini venkile unako ukuyitumela. Knpela myalele kupela wokufumauiseia. Igama lake ngu.

P. H. POTTOR.
Owako otandikayo
IDA.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, *e-Town Hall, KvAsitora esing a pantsi esesitatu, No.* 3, *Kwinkundla ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amazabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkehca nguye azitumele kuma. calana onke e-Koloni.

J. HILNER,
Umenzi wentsimbi zamaxesha,
E-QONCE.

Nomtengisi wempahla ezinjengemisesane njalo njalo.

Unentlobo ntlobo zemisesane, iwotshi,

Nentsimbi ezinkulu zamaxesha, nentwane ezintle Zokinika amabaso ngamaxesha ae.

ANDREW GONTSHI,
Umteteleli ematyaleni,
TRANSKEI

I- Ofisi - eNGQAMAKWE

Paula oku!

JOHN CHARLTON,

Umlungisi wemicimbi yentlobo zonke, Enjengeyomhlaba, Nomteto, Namafa,

e-Dikeni, nase Xesi (Kwa-Kama) nakwa Qoboqobo.

Lomsebenzi wauqala ago 1878.

UYAZIWA. AKUFUNEKI KUZINCOMA

Amafa, Ingqeshiso, Iminqopiso nokwananwa kwezi qiniselo zomblaba—yonke lemicimbi yenziwa ngoknkauleza.

Utetelela ematyaleni, aquke nemali engamatyala.

Iveki.

IMALI ye Rafu yase Bolotwa ibiwe ebusu&u. An\asela abale/ce neboArisi ayapula egameni. yonfce imali itatyatiwe. U Major Musgbove, ongumbali apo *akaka-* wafumani amasela lawo.

EPENDULA U. Mr. Innes e Palamente ngomcimbi wemofcolo ezitile ezizezo&ulinywa ngase Cala ute Umpatiswa Micimbi Yabantsundu ezomofcolo azifcenziwa nto fcuba u Rulumeni engefcamisi eyona nda- wo aya&uyimisela fcuyo imantyi nofcuba Ause Cala nofcuba fcuse Xalanga fcusinina.

KUYAVAKALA uX-uba ingqaXaqa isenze isitonga esinye Awela Batembu. Abantsundu kutiwa sebesuXe bayiq®4a.

LIXESHA itunyelwe imali yefcwata yesine.

U MR. GEO. WHITAKER unyulelwe eXubeni lilungu lebandla elilungiselela u&upeliswa fcwezifo Xwesisiqingata endaweni *ka* Mr. Rose-Ijmes opumileyo.

U MR. J. J. IRVINE ulungiselela uXu- misa ilityе lofcuhlamba uboya e Kubusi.

UMBENDENI uzibonaX-alisile Xumandla wase Monti. Sefcufe inXomo izimbini Xwifama eX-ufupi nalomzi.

Ku QUMBU XuvaXala uAzuba abantsundu bayitengisa ingxowa yombona nge 25s. Amampondomse agqugqisile ngo- kuba; into eninzi yempahla ebiweyo itshona e Mampondweni. Kuko indlela entsha ezihamba ngayo ngoku inqwelo zeli ukuya kwela Mampondo ngenxa ye- rafu.

IMITANDAZO yokuba abantsundu bangatengiselwa utywala yinto enye uku- ngena e Palamente. Emininzi ingeniswa lilungu elimele tina bamnyama u Mr. J. Rose-Innes; engene ngeveki edlulileyo omnye wase Rini ungene ngo Mr. Douglass, ' omnye ngo Mr. Vintcent, uvela e Knysna.

IXABISO lokwaka ezizindlu zintshainge- na kuzo i Palamente libe <£219,384.

IPAKATI le Nkosazana elipete i Koloni lite ukupendula umbuzo kwibandla lase England, imikosi yela Bablambeli iya incitshiswa kodwa ayisakugoduswa yonke de kuqondakale ukuba elo likuselwe.

KEKWAKO iduli e Yeputa pakati kwemikosi yama Ngesi nama Arab. Oyisiwe ama Arab, ashiye amadoda a 3000 afileyo. Eliduli lalingo 15 June.

INTOMBI yokugqibela ye Nkosazana itshate ngolwesi-Ne Iweveki edlulileyo nenkosana yelama Jamani.

UTULI lumboxo e Dayimani bayapa- ngwa abantu. Igwangqa abati ngu Mr. Cohen lipangwe zigebenga endlwini yalo: zingene zizenza amapolisa zamhluta <£45, nestofile sake samaxesha, nenye impahla euqabileyo. Kuvakala nokuba idayimani [1] ziyebiwa naxa zihamba neposi.

IVOTI e Tekwini ipele ekubeni kutunye- Iwe o Mr. Fisher no Mr. Atkinson kwi Palamente yase Natal, kuba besiti alika- fiki ixesha lokuba elo lizipate ngokwalo* I

U MR. ALFRED FARR, wase Nyara, ubanjiwe kuba kusitiwa uyitshise ngokwake ivenkile ukuze afumane imali yamabandla ancedisa indleko zokutshelwa. Kufunye- nwe kuko ingubo ezine parafini.

ISIKOLO sase Nxukwebe sivulwa ngo-Iwesi-Hlanu 31 July.

INGQAKAQA ibuyele e Alvani.

YONKE intsapo ka Rev. D. Postma, wase Burghersdorp ifa yingqakaqa kwa- neyonyana wake u Prof. Postma. Ama Postma awazanga avuma ukuqatshulwa kuba esiti akunaluncedo kukohlakele.

EZISAND' ukuvela e England zivakalisa ukuba u Mr. Jonathan Ayliff usingisela empilweni.

NINGAKULIBALI ukuxasa ipepa ngokutumela ezontwana zilindelweyo ngekwata. Umzi ubamhle ngento zawo mabandla akowetu.

IZIPATA mandla zomzi wase Burghersdorp zati ngo 20 July ukubika inqubo yengqakaqa kulomzi. Zimbini izindlu zabamhlope ekoyo kuzo zombini aziqa- pulanga. Abantsundu abongiwayo ba- ngamashumi omatatu. Akulindelwe ukuba sande isifo eso.

INGESIKAZI lase Mgungundlovu e Natal limtengise umntwana walo wesisu nge ponti eneshumi linantlanu kwi Kuli.

KUTIWA U Mqikela umeme intlanganiso yenduna ukuba ize Xumisa umfazi omkulu wake noyakuba yinKOsi akuba efile. Lentlanganiso iyakuba sekuqaleni ko August.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, JULY 29, 1885

ELA BAHLAMBELI.

AKE amehlo abantu beli ondela kwimicimbi yela Bahlambeli: nenteto enkulu eshushu yentlanga- niso ye Palamente yalonyaka we 1885 ibe ngalo. Imbangi yobushushu ku Mangesi wakucukunyiswa lomci- mbi —yinto esayakuke isixake tina mhlambi umnyama. Xa kodwa siyibeka bucala inteto yamakwele yabamhlope bodwa soka silinge ukwaneka indawo ezizintloko ezi- ngezipitipiti zeli pambi kwabalesi betu.

Ngu Mhle i Ruluneli u Sir HERCULES ROBINSON owati wazamela imfanelo zeli kwanini. Wabona ukuba ukukanya makube neroba elivulekileyo kwelipezulu. Yabe ilelixa Amabulu ase Transvaal ayi- tumele ngenxa zonke imikosi yawo yabapangi bomhlaba ukuba ihambe iwutabata ngamamenemene umhla- ba wenkosi ezintsundu, ukuze eku- ^qibeleni zibe zinto ezingento pa- atsi kobukumnkani base Mabulwi- ai. Wemake u Sir HERCULES ROBINSON yedwa ekwaza kumzi wase Mangesini ukuba ulamle unga- vumi ukuba uvalelwe nga Mabulu kwelo lipezulu. Exesheni utelelwe agu Mr. CECIL RHODES, olilungu lase Ligwa e Palamente; owandu- lula ingxoxo kwelo bunga, kube mzuzu ezingxoxo zingenancasa ya- [uto. Amabulu wona enze isitonga 3sinye ukuzama ukuwufumana amhlaba wenkosi ezintsundu. Ku- le kwasuka u Rev. JOHN MACKENZIE wasinga e England wateta wabhala ngenxwaleko zenkosi ezi- atsundu wada wapulapulwa ngaba- atu belo nabeli. Kutunyelweke a Sir C. WARREN ukuba aze kuba- cita abapangi abo bomhlaba wenkosi zela Bahlambeli, ekubeni kwa- kutunyelwe isigitshimi sokubazisa akuba bakwelele, awavumanga amasela omhlaba. Uzile u Sir CHARLES, bakwelele pambi kwake ngokwelifu lomso ekupumeni kwelanga; anakoke namhla u Sir C. WARREN ukuti kunye negora lama Roma u KESARE *" Ndizile, ndibonile, ndoyisile."* Ngoku kubanjenwe agelokuba kuza kwenziwa ntonina ngelo zindululwenje izigebenga szimhlope, elo alinakubandakanywa ae Koloni kwimeko ekuzo. Inkulu yolulaulo yati oko yayiye kwela Bahlambeli yateta nezigebenga akuba yoti yakufika ekaya ibhalele tulaulo Iwe Nkosazana icebise ukuba elo libandakanywe ne Koloni iti yakukova ukwenjenjalo izinike izihange ezo umhlaba lowo ezauba- yo. Ayizange ike itsho ke i Rulu- rneni yase England; ngokoke ngalo [onke ixesha lumi olulaulo Iuka Mr. UPINGTON akuko temba ngendawo yokubandakanywa. Abalandeli ba- ka Sir THOMAS SCANLEN banga li- agabandakanywa ne Koloni. Ina- ai labo lincinane e Palamente ngoku abanakwanza luto. Ngazwinye igalo lonke ixesha i Palamente ise- sandleni za Mabulu akuko temba lokuba kuko nto inokwenziwa nge- ndlela yokubandakanya. Abantsundu abafuni kubandakanywa ne Koloni, ngesizatu sokuba lungati lufeziwe olobandakanyo izigebenga ziwungene umhlaba wabantsundu kungabiko unokuzitintela, kuba ikoloni isoyiswa nga Mabulu. Ezi- ndawoke zibange ukuba sicebise eyokuba elo lipatwe e England kanye. Tina bantsundu singatanda oko. Yintonina exakileyo ukuba kungabi njalo ?

Amanqaku.

AKWABA oku esikntebata kwelinye lamapepa alomzi *('Cape Mercury)* bekungabeki. selelwa kubo bonke abantu bakowetu " Abantsundu besisitili bazinikela eknlime- ni ngoku ngapezu koknba baka benijikalo ngapambili nangokumayelana nokulitndfftttf nehabile, sebebonise ukuba banokudlulisa iM Mangesi. Ngolwesi-Bini kwaknngento itapile ziluhlaza zintle kanye, ezagqita ezinye ngobuhle zabe zizezomntu omnyama,"

UMCIMBI wenkosi u Mbovane uviwe ngu Mr. Dick ngaleveki e Xesi. Kutiwa Uku. boni lowo ubete wabaxaka abamangale'i bake, inkuku yasikwa umlotno. Ubengasa- kugqiba nto kakade u Mr. Dick, inteto iya- kuwela iye e Kapa apo ingxelo yocedululo ayitnmele kona.

EPENDULA umbuzo e Palamente uti u Mr. De Wet u Rnlumeni uyazi ukuba ubusela butabate amandla amatsha Emaxoseni, beyenzile eyabo imigudu, ngendawo yokunqaba kwamapolisa ababanga nakubuncipisa kanye. Kuzakufafcwa amapolisa a 200 kula akoyo. Into efunekayo ngamapolisa kodwa imali ayiko.

MAYELANA nalomcimbi wamapolisa singavakalisa nsizi Iwetu ukuba antsundu aku. tshwa. Kuyimfanelo ukuba abamnyama nabo bafumane impilo yabo ngobupolisr, enye into amapolisa amhlope awanakuwazi onke amaqalo amasela antsundu aziwa ngabantsundu bodwa.

SIVA ukuba amapolisa angenele impi ya. kwa Shushu ngo Mgqibelo ayipanga imiko. nto nemela nefolokwe. Oku sikubekisa ku Mr. Dick ukuba ake akucedulule. Lama- polisa kutiwa afike evela e Ngqushwa, ati ngokwawo afeza umteto wezixobo. Abantu kutiwa abaqube abasa e Ngqushwa. Ngokungavisiseki kwesisenzo wumbi angade angazikolelwa, kodwa abantu bona botusiwe zezizinto. Lomteto wezixobo usahanjiswa nganina, wagwetywa kadenje e Lusutu Inkatazo yendlela abayitweleyo abantu yanele ngapandle kokuba batnan' ukukatazwa ngoluhlobo.

AKUKO ndaba zipi singazingenisa ngengxoxo zase Palamente namhla. Ngxoxwa- na eke yako yengembandezelo. Amapepa anganayo awakafiki. Siva ngocingo ukuba kugqitywe kwelokuba basizwe abantu. Ku. zakuqalwa ngu Rulumeni indlela esuka 0 Ngqushwa ebeta e Monti eyafcuwela i Nciba ekungeneni fcwayo elwandle.

Pesheya Kwe Nciba.

[IVELA KUMBALELI WETU]

15th July 1885.

Namhlanje bekuko intlanganiso kwa Feltman, yokumisa amagosa esikolo se- mini, njengokuba siyakuvulwa nge 20 July. Xa umntwana engeko esikuleni kulemizi yakomkulu i teacher yombuza ku Potyutu no Solombelo. Ku Mcuba- kazi igosa ngu Mosi no Kwatsha. Kwe- Lase Bika icala ngu Philip no Nqanuka no Magwevane. Kwelase Manzikanyi, ngu Mila no Capu. Kwelase Mngqingwe- ni, ngu Somerset no Soni. Kuko iqela eliyi Komiti, Iona elinikwe imvume yokumana libako esikolweni, likangela ukuba inani lizalisekilena, unyaua amkulu wake u Mkatshane Feltman, no John Mampunya, no Robert Mnyani no John Ncanisa. Kwamiswa wamnye angumongameli wokuti abe ngvmgqibi ivako konke oku, igama ngu Adons Levise, land' ukuya enkosini u Captain Veldtman. Ndingavuya umzi ka Capt. Veldtman uhe nentsikelelo.

Kwintlanganiso ebiko ngo 10 July e Glcuwa, kuxelwe nesimanga esenziwe ngabantu bakona kweliqela lingagqobo- kanga kulemvuselelo ikoyo, libe ?g'-sha I3 zomfundisi u W\ J. Hacker, izikumba laza kuziposa edyalidini pambi kwendlu /ake.

Nge 14th ka July, kutshatiswe e Zazu- (wana isoka lase Fort Malan, u Charles Nduma, no Beta Boti, intombi eminyaka L9, yase Zazulwana. Intombazana le /enye yabapumelele kwi IV Standard kwesisikolo. I teacher ite xa inika amabaso encwadi kuye yayikankanya futi iendawo ka IV. Standard. Dabetwa ka- kulu igubu ngalomini, kugcotywa nga- bantwana.

Isela elapuluka ngamaqinga alo emzini ka Mr. Nayvandwa libanjwe kwanguy®, kulemizi ingakwa Mpulusi. Nina bantu migqiba impahla zabanye abantu niya- ke nigqitywe ukubanjwa.

OBULILEYO.

MTIMKULU.— Ngobusuku bolwe si-Tatu, July 22, 1885, kwa Qoboqobo kubube u Rev. SAMUEL MTIMKULU. Umnke ngoxolo. Abahlobo abagama mabamnkele lombiko.

W. BOTTBILL,
Umsiki Wentlobo zonke zengubo,

Ukangelene ne Town Hall,

E-:QONCE

Ngoyena misiki utshipu kulomzi.

Umsebenzi wenzelwa ndlwini nye. Intlobo ezintsha zokusika nazipina i fashini.

NDINE hashe elilahlike ngomhla we 9th kulenyanga ingu July; Limfusakazi obuntloyiya; Likanya kakulu ngodevu; Linomtshiso kwicala lase kunene F.D. esandandeni; Linopawu litiwe cupe kulendlebe yokohlo ngapantsi; Lihashe elifanelekileyo Iide ngesimo ; ubudala balo buminyaka mine 4 years.

Ongandilandisayo .umvuzo wake ungofanelekileyo. Atumele kuwe wena mpatiswa wemicimbi ve Mvo *Zabantsundu.*

F. M. DHLOVA. Queenstown, 14th July, 1885.

Ololiwe bakwa Rulumeni.

Ukutwalwa kwemveliso Yelilizwe.

NGOKUMAYELANA nesigqibo se Bandla elibekekileyo le Pa- lamente esiti, "Yonke into Eyimve- liso veli lizwe mayitwalwe ngamaxa- biso apantsi ngololiwe, amaxabiso okutwala Uboya begusha Nobebokwe. Nezikumba angaggitisi kulawo e Wayin ne Brandi," kuyaziswa ukuba Umpatiswa Micimbi Yemihlaba Ne- yokwaka, uti akusakulungela elilizwe ukuba amaxabiso okutwala Uboya, Nobebokwe, Nezikumba atotyelwe kulawo okutwala i Wayin ne Brandi. Amaxabiso okutwala i Wayin (nge- fatyi), Notywala beli (ngefatyi), Ne- lasentyisi zeli, ayakutike emva kosuku Iwa 27 July 1885 abuyele kumanani empabla ekutiwa yeyeqela lesitatu, i Brandi nezinye i Ndywala zeli (ngefatyi) zotwalwa ngexabiso le 25 ngekulu ngalinye ngapezu kwexabiso lempahla yeqela lesitatu, de ibe eloxa- biso lidlule kwelempahla yeqela lesi- bini kwakwalekwa ele 25 ngekulu, ekotike sekubizwa eleqela lesibini kanye. Ifatyi ezize zobuyiselwa kwa- lapo zazivela kona ngapandle kwe- ntlaulo ngokwemimiselo emidala.

C. B. ELLIOTT,
Umpati Omkulu.

E Kapa, 23 July 1885.

BONISANI.

Amahashe Alahlekileyo

KULAHLEKE e-Mgqwakwebe ngolwesi-Tatu (24th June) amahashe amatatu.

Inkabi emfusa etshiswe igama elingu M enyongeni. Ubudala balo bukwiminyaka emihlanu. Uboya bude hyakuba nesilonda sokunzinyatela esihlahleni sangapambili. Ondilandisileyo ndomruma. Nenkabi egwangqa.

Imazi emfusakazi encenabala ; enokukutu- Iwa yintambo emva kwendlebe ngenxa zombini, nasebusweni ikwanjalo kukonkukutu. ka. Litshiswe entanyeni ngecala langase kohlo igama elingati ngu (F). Ubudala balo yiminyaka esixenxe. Yimaz' ende.

J. TENGO-JABAVU. Imvo Office, King William's Town, 29th June, 1885.

ISAZISO.

EWU ! Yenjaninje Bahlobo ukundibalela. SOLOMON D. MAQINA, care of P. H. POTTOR, Fountain Head, Tyinira, via Toleni.

ISAZISO.

EWU ! Yenjaninje Bahlobo ukundibalela. SOLOMON D. MAQINA, care of P. H. POTTOR, Fountain Head, Tyinira, via Toleni.

E Bofolo.

[IVELA KUMBALELI WETU.]

22 July 1885.

Yindawo yetu ebuhlungu ukuvakalisa ukububa ko Rev. S. Mnyakama wakwa

Nondyola kwesisitili, oneminyaka emibi- ni egula. Kute nge Cawa (19 July) edlu- Lileyo ngexesha le 7-30 kusasa wazibulala tigokusuka azixome. Oku ukwenze egu- tnbini lake lokulala; utabate umtya we- myi wazixoma ngawo. Ukangelwe li- ;qira selupumile umpefumlo, lafumana ibucopo bubutataka, kuko nendawo ebi-

WE take this item from *Set Volksblad:* —" Mr. Joubert has placed a notice on the paper that he will move that the petitions sent to the Government by the residents in European Tembuland, and also the correspondence relative to the charge against Mr. Newman Marks, be laid on the table. Those petitions are in favour of Parliamentary representation, separation of Cala district from European Tembuland, the appointment of a Civil Commissioner at Slang River, European Tembuland, and against any Native Magistrate being appointed Civil Commissioner. On the face of it, these requests seem very reasonable and we understand that they are supported by very strong arguments. As to Mr. Marks, he was charged by Mr. De Wet with having made a deliberate false statement to the Natives. Mr. Marks emphatically denies this and has hitherto demanded in vain from Mr. De Wet that he should produce the proof upon which he based this charge."

REPLYING to a question put to him by the Hon. T. Brown as to whether Government was aware of the enormous amount of stock-thefts on the Frontier, and if it intended doing anything to put a stop to it, Mr. De Wet, the Native Minister, said: —"That the Governtment was well aware that many stock-thefts had taken place, and they had prevented them as far as possible. Owing to the great scarcity of police, they had not been able to put a stop to them altogether. It was the intention of the Government to place 200 of the Cape Mounted Rifles in the frontier districts to assist the Cape Police to prevent thefts. Of course, more police are required, but under the present circumstances of the colony the Government could not ask for a vote of money for the purpose."

FROM Native accounts we learn the inquiry into Mbovane Mabandla's alleged misdemeanours was conducted by Mr. Dick at the close of last week. Mabandla is said to have triumphantly cleared himself from imputations cast upon him by his detractors, foremost among whom was Mr. King, clerk in charge at Middle Drift, who could only adduce hearsay evidence. The decision, of course, rests'with the Secretary for Native Affairs, who, we trust, will rub the matter off his slate by giving Mabandla his dues, if not more. The small-pox charge also fell to the ground as dead as a dodo.

FORT BEAUFORT.

'[FROM AN ESTEEMED CORRESPONDENT.]

July 21st, 1885.

It is our melancholy duty to chronicle the death of the Rev. S. Mnyakama, of Trinity Mission, Fort Beaufort, who has been suffering for some two years past from ill-health. On Sunday morning last at half-past 7 o'clock he put an end to his existence by hanging. He committed the dreadful deed in his bedroom, and used a piece of rope taken from the bedstead. The post-mortem examination showed softening of the brain and formation of a tumour. The doctor said he would ultimately have become a lunatic. Heshowcd to his people signs of mental weakness on the Thursday preceding his death. He had arranged to be present at the opening of the new Anglican church here (St. John's) but failed to put in an appearance. His excuse was that he felt too ill. His last act as a clergyman was to preach a most solemn sermon on the Sabbath day previous; he took for his text, " Thou shalt not kill." Those present said it was so earnest that the whole church was filled with weeping worshippers. It is a singular Coincidence, as he was about to die by his own hands. What a mystery is life !

On Saturday the Lord Bishop of Graham's Town visited the Mission station, but found poor Mr. Mnyakama in a sadly enfeebled state of health and mind. He evidently did not know what he was about. All the surroundings of the man as well as the post-mortem prove most conclusively that he cannot be held personally and morally responsible for the rash act.

As a man, clergyman, and citizen, too much cannot be said of his excellence. His influence upon the young native people was most blessed. He was always gentle and earnest, and one of the most loving of Christian workers. His influence for good extended far and near. He was really loved by all who knew him. The loss to our district of such a man is almost irreparable; all colours here esteemed him as a friend. His gentle unassuming manners and kindly smile won all hearts, and his memory will survive long in our midst.

On Tuesday, the 21st July, 1885, his remains were interred in the Fort Beaufort cemetery. His body was brought down from the Mission station and placed in the handsome new church. The building was crowded—at least four hundred persons were present; men of all classes and colour wished to show their last tribute of respect. Europeans were just as anxious as those of his own race. One young lady of our town (a Miss Warren) very gracefully placed a lovely cross and wreath of white flowers upon the coffin as it lay in the nave of the church. This was a graceful and loving act, and so womanly, illustrating the fact that "all the world's akin." It spoke volumes for our departed friend.

The funeral service was conducted by the Rev W. H. Turpin, S. Simeon, M.A. (Grahai: ; Town,) J. Wilson, E. J. Battye, B.A. (F' - Beaufort,) and T. Chamberlain, M.A. (v i e). The choir was very happy in it[3] r udering of the hymns and beautiful p <ms, which assisted very materially the solemn service.

It has never been our lot to witness such a funeral in Fort Beaufort. The churchwardens bore the pall. Fully 800 persons must have joined in the procession when the body left the church. At the grave suitable hymns were sung in both languages (English and Kafir,) the Rev. Turpin officiating, committing the dust to dust and ashes to ashes until that great day.

A LIVE dog is better than a dead lion, and a dead dog is better than a live lion; at leist we would rather own a dead dog than a live lion, and we are not very fond of dead dogs either.

qala ukuba lityamtyam ebucotsheni apo. Lagqiba igqira kwelokuba besekusele ixe- shana elifutshane apambane intloko. Ngolwesi-Ne olwanduleleyo wabonisa impawn zobutataka obutile bengqondo. Wabezimisele ukubako ekuvulweni kwe- tyalike ya Mangesi yase (Tshatshi) kulo- mzi (St. John's), akafikelelanga kodwa. Wazilandulela ngelokuti, uziva engapilile. Into yokugqibela awayenzayo nje- ngomfundisi yaba kukushumayela intshu- mayelo esulungeke kunene nge Sabata eyandulelayo. Isiqendn awateta kuso seso siti, " Akuyi kubulala." Abayivayo intshumayelo leyo bati yaba yeshushu kangangokuba indin ye Nkosi izaliswe ngabakonzi abalilayo. Yinto engummangaliso ! Ukanti uza kuzibulala ngezake izandla. Hayi into iyimfihlakalo le ibu- bom!

Ngo Algqibelo obekekileyo u Bishop wase Bini wayetyelele ku Nondyola, wa- sifumana esosi alam singu Mr. Alnyaka- ma sigula emzinjeni nase ngqondweni. Kwabonakala uknba akaqondi nento eku- yiyo. Konke awayekuko ngezomini, kwanengxelo yegqira elamvavanyayo selefile, kubonisa ukuba akanakubekwa tyala ngesisenzo asenzileyo.

Ebuntwini ebufundisini, entlalweni ngumfo okgqibelele nkulunga. Umze- kelo abewiweke pambi kododana oluntsu- ndu ubungowesonti. Ngumfo obendile- ke onke amaxa, osebenzela Inkosi ngenzo- ndd^lo notando. Isihomo sake besisazi- wa liakwindawo ezigama. Ubetandwa ngenyaniso ngabo bonke abebemazi. Ukulahlekwa yindoda enje asintwana incinane kwesisitili setu. Ubebekwe ngabamabala onke. Ukuzindila nokuto- beka, ubuso obusoloko bancuma bamenza intanda kubo bonke ; akasakuza alityalwe kulemimandla.

